CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

# UKUSEBENZISA AMANZI AMDAKA NGOKUKHUSELEKILEYO

Isikhokelo sohlobo lwamanzi amdaka anokusetyenziswa kwakhona nendawo angasetyenziswa kuyo, nendlela yokuwasebenzisa ngokukhuselekileyo.



Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.

# Intshayelelo


Ngokuphinda siwasebenzise amanzi,  singalondoloza amanzi nemali. Eneneni ama- 50-80% yamanzi asetyenziswa endlwini angaphinda asetyenziswe. Kodwa ke, kukho imingcipheko ephawulekayo yezempilo nococeko ekufuneka ijongwe ekubeni amanzi amdaka adla ngokuba neebhakteria/ iintsholongwane, nendlela asetyenziswa ngayo ingaphumela kwizifo. Landela eli cebiso lingezantsi lokusebenzisa iindidi ezahlukahlukeneyo zamanzi amdaka ngendlela ekhuselekileyo nephumelelayo ukuba ukhetha ukusebenzisa amanzi amdaka.

Qaphela: Esi sikhokelo sibhekisele kumanzi amdaka asetyenziswa phakathi kwiiyure ezingama-24, nokusebenzisa amanzi ‘ngebhakethi’jikelele, umzekelo, kwiindawo zokuhlala ezimiselekileyo, kumashishini, emidlalweni nakweklabhu, izikolo neendawo zonqulo.




Ukuba amanzi amdaka agcinwe ithuba elingaphezu kweeyure ezingama-24, kufuneka anyangwe ngokuhluzwa nokufakwa isibulali ntsholongwane njengecebiso lengcali. Esi sikhokelo silungiselelwe abaxumi abasedolophini ngamaxesha embalela. ISixeko sikwacebisa abasebenzisi bamanzi ukuba bazihlolele ngokwabo ukhuseleko lwamanzi abawasebenzisayo kwaye basebenzise imbono yabo.

# Yintoni amanzi amdaka?







**Amanzi amdaka:** ngamanzi angacocwanga alahlwayo avela ebhafini okanye eshaweni (okuhlamba umzimba) nakwizitya zokuhlamba izandla. Amanzi okuhlamba iimpahla avela koomatshini okanye kwimpahla ezihlanjwa ngesandla athi alungele ukuba ngamanzi amdaka anokuphinda asetyenziswe kuphela xa kuthe kwasetyenziswa isicoci esivumelana nendalo

**Amanzi amdaka:** asenokuba noku kulandelayo, kuxhomekeka ukuba avelaphi: iibhaktheriya, ii-pathogens, izinto ze-oganikhi, iioyile neegrisi, intsila yesepha nezibulali zintsholongwane, intsila yesibulali zinambuzane, ukungcola, imisonto, isodiyam, ii-nitrates nefosfeyiti, ityuwa eninzi

Usetyenziso lwamanzi amdaka ngumngcipheko womsebenzi wamanzi ngokupheleleyo.ISixeko asinako ukubekwa ityala ngomonakalo okanye ilahleko eyenzeke ngqo okanye ngokungathanga ngqo ngenxa yokusetyenziswa kwamanzi amdaka ( ngokoMthetho kaMasipala weSixeko).

# Imigaqo yosetyenziso lwamanzi amdaka jikelele

## OKUFUNEKA UKWENZE

- Coca izandla zakho emva kokuba uwasebenzisile
- Sebenzisa izicoci neesephu ezingenabungozi kokusingqongileyo, apho kufanelekileyo
- Ukuba ufakele isixhobo esingesinye samanzi (isitsala-manzi ngaphantsi komhlaba) apho sithi sifune umsebenzi wotywino lwemibhobho, jonga imigaqo ekhuselekileyo nesemthethweni engokufakelwa kwaso kwa www.capetown.go.za/thinkwater kwaye ucebisane nengcali yezamanzi.

## OKUFUNEKA UNGAKWENZI

- Musa ukugcina amanzi amdaka ngaphezu kweeyure ezingama-24 nanjengoko oku kuza kukhokelela kwivumba elibi, ukubakho kodaka kwanemingcipheko yempilo.
- Musa  ukuwasebenzisa ukuba kukho ilungu lefemeli eligulayo
- Musa ukuwasebenzisa kwakhona amanzi ebekuhlanjwa kuwo amanapukeni
- Sukuvumela abantwana nezilwanyana basondele emanzini amdaka
- Ungaze uwaginye amanzi amadaka
- Musa ukuwatshiza amanzi amdaka. Ukutshiza kusasaza i-pathogens (ulwelo olutshiwa ngoxinzelelo lomoya)
- emva kokuba uwasebenzisile amanzi amdaka, sukuphinda usebenzise kwala manzi amdaka kwenye into



# Ukusetyenziswa kwamanzi amdaka

| UMTHOMBO WAMANZI AMDAKA | IZINTO EZINGAKHONA KUWO | UKUWASEBENZISA |
|---|---|---|
| **'Amanzi okulinda'/ amanzi okuqala:** Ngamanzi abandayo aphumayo ngoxa ulindele amanzi ashushu/afudumeleyo avela etephini okanye eshaweni. La manzi avela kwigiza aye abande ngoxa ekoophayiphi abaphuma kwigiza besiya etephini yakho, ngoxa usalinde ukuwasebenzisa. | La manzi asemgangathweni omhle kwaye; mncinane umngcipheko' xa esetyenziswa ngokukhawueleza kwaye afakwe kwinto yokuphatha ecocekileyo kwaye awaxutywa namanye amanzi avela kwenye indawo. Akukhuthazwa ukuba aselwe. Kodwa ukuba kuyenzeka xa eye adlula emzimbeni womntu okanye kwindawo esenokuba ayicocekanga ajongwa njengamanzi amdaka. | • Ukugungxula indlu yangasese<br>• Ukucoca phantsi endlwini<br>• Ukuhlamba impahla<br>• Ukuhlamba izitya |
| **Amanzi eshawa nawebhafu** | Iibhaktheriya, iinwele, izinto ze-oganikhi, ingqokelela zolusu, i-lint, ioyile negrisi, isepha nezibulali-ntsholongwane. | • Ukugungxula kwindlu yangasese (lumka xa uwasebenzisa)<br>• Ukuhlamba iimoto (lumka xa uwasebenzisa)<br>• Ukunkcenkceshela egadini (lumka xa uwasebenzisa) |
| **Amanzi ase-Laundry – avela kumatshini wokuhlamba impahla okanye izandla**. Amanzi okupula avela kumatshini wokuhlamba impahla anowona mngcipheko uphantsi ukuba uyakwazi ukuwakha angadibani namanzi aqhelekileyo. Kunconyelwa uwasebenzisele ukuhlamba iimoto ekubeni amanye amanzi amdaka esenokuba nentsila. | Ukungcola, imisonto, izinto ze-oganikhi, ioyile negrisi, isodiyam, i-nitrates nefosifeyithi (ezivela kwizibulali-ntsholongwane), amazinga aphezulu etyiwa ne-PH, ibhlitshi. | • Ukugungxula kwindlu yangasese (lumka xa uwasebenzisa)<br>• Ukuhlamba iimoto (lumka xa uwasebenzisa)<br>• Ukunkcenkceshela egadini (lumka xa uwasebenzisa) |
| **Amanzi esitya sokuhlamba izandla** | Iibhaktheriya, izinto ze-oganikhi, ioyile negrisi, intsila yesepha nezibulali-ntsholongwane. | • Ukugungxula kwindlu yangasese (lumka xa uwasebenzisa)<br>• Ukuhlamba iimoto (lumka xa uwasebenzisa)<br>• Ukunkcenkceshela egadini (lumka xa uwasebenzisa) |
| **Amanzi okuhlamba imifuno neziqhamo** | Ibhaktheriya, ezinto zeoganikhi, intsila yezibulali-zinambuzane | • Ukugungxula kwindlu yangasese (lumka xa uwasebenzisa)<br>• Ukuhlamba iimoto (lumka xa uwasebenzisa)<br>• Ukunkcenkceshela egadini (lumka xa uwasebenzisa) |

Wasebenzise ngenkathalo. Jonga "imiqathango engokusetyenziswa kwamanzi amdaka" kwiphepha-6.

# Ukwenzela ukugungxula endlwini yangasese, ukuhlamba imoto nokunkcenkcesha egadini bona 'imiqathango' yokusebenzisa engezantsi

| UKUSEBENZISA | IMIQATHANGO YOKUSEBENZISA ENCIPHISA IMINGCIPHEKO |
|---|---|
| <br>**Ukugunxula indlu yangasese** | • Sebenzisa ijagi ngononophelo ugalele amanzi amdaka ethobhini lendlu yangasese uze uphephe ukuchitha phantsi okunokuthi kusasaze izifo ngamasuntswana, ingakumbi lawo asuka kwlindle. Gcina indlu yangasese nendawo eyingqongileyo zikhuselwe kwiintsholongwane.<br>• Ukuba usebenzisa ijagi okanye ibhakethi ukugungxula indlu yangasese, musa ukuwagalela kwindawo yokugungxula ekubeni amanzi amdaka esenokubuyela kumanzi okusela aze awangcolise -nto leyo eyingozi kwimpilo yabantu abahlala apho kwakunye nabanye abakuloo mmandla. Kwanaxa uye wayivala ivalvu/isinqandi esivalayo esidla ngokuba ekupheleni kwethobhi, oku akunakuthintela ukubuyela kwamanzi. Ukuba unenkqubo yamanzi amdaka efakiweyo, isibonelelo samanzi okusela simele singadibani kwaphela nesethobi uze uqhubeke uhlola ukuvuza rhoqo ekubeni amanzi amdaka esengavala izixhobo zevalvu. |
| <br>**Ukuhlamba iimoto** | • Sebenzisa ubulumko xa uhlamba imoto ngamanzi amdaka ekubeni amanzi anesepha engashiya intsila.<br>• Izibulali-ntsholongwane, iisepha neeshampu zimele zisetyenziswe kumatshini wokuhlamba impahla ukuba loo manzi aza kuphinda asetyenziswe. Oku kuphepha ukuba iikhemikhali eziyingozi zingene kumanzi aqokelelwayo okanye kumphezulu weenkqubo zamanzi ezingawangcolisa.<br>• Ukuba kunokwenzeka, hlamba imoto kumhlaba othambileyo (engceni okanye emhlabeni), kude nomphezulu wawo nawaphi na amanzi, ukuze amanzi angaqukuqeli kwindawo eqinileyo (kwindlela yokungena imoto, umgaqo, ipavumente, njl.) aye kungena kumanzi aqokelelwayo. Oko kuqukuqela kusenokuba neeoyile, umhlaba neekhemikhali eziyingozi ezinokonakalisa inkqubo yamanzi nendalo esingqongileyo. |
| <br>**Ukunkcenkceshela iigadi zokutya** | • Qala ngokusebenzisa amanzi angenamngcipheko umz. Amanzi okupula avela kumatshini wokuhlamba impahla.<br>• Umele ube nononophelo ukuqinisekisa ukuba amanzi amdaka awadibani nomntla weziqhamo okanye imifuno ekhuliswayo. Nkcenkceshela iingcambu kuphela.<br>• Ukuphepha ukuba adibane nezityalo ezityiwayo, sebenzisa ukunkcenkceshela ngokuthontsiza kubekho ulwelo oluqinileyo lwamagqabi angaphezulu. Awafuneki amanzi amdaka kwimifuno enamagqabi (umz. Ipinatshi) nemifuno ekutyiwa iingcambu zayo (umz. Iminqathe).<br>• Maxa onke hlamba iziqhamo nemifuno ngaphambi kokulungiselela ukutya uze upheke imifuno eneengcambu kuqala ukuba ibikhe (xa sele yembiwe) yadibana namanzi amdaka okunkcenkceshela. Kuphephe ukusebenzisa indlela yokunkcenkceshela kapayipi, ukuspreya okanye ukufafaza. |

Amanzi amdaka kufuneka asoloko esetyenziselwa ukugungxula (ukuflasha) ithoyilethi njengombandela ophambili, ngaphambi kokuba kunkcenkceshelwe igadi okanye kuhlanjwe izithuthi. Ngamaxesha okushokoxeka okukhulu kwamanzi, amanqanaba athile angezithintelo angangakuvumeli ukusetyenziswa kwamanzi amdaka/angwevu ukuba kunkcenkceshelwe igadi okanye kuhlanjwe izithuthi ngawo.

| UKUSEBENZISA | IMIQATHANGO YOKUSEBENZISA ENCIPHISA IMINGCIPHEKO |
|---|---|
|  Ukunkcenkceshela iigadi zokutya oko kukuthi ingca nezityalo | • Amanzi amdaka enza i-iakaline emhlabeni aze ongeze ityuwa eyakhelayo ize yonakalise umgangatho womhlaba kwaye ezinye izityalo azinako ukukhula kumhlaba ololo hlobo. Cela icebiso kumaziko eegadi okanye iingcali, uze uwasebenzise ngokuqonda.<br>• Wasasaze amanzi kwigadi yonke ukuphepha ukuba adame ndaweni nye okanye umgxobhozo nto leyo etsala iingcongconi ize ibangele kuvele iindawo ezingwevu/eziluhlaza ezithambileyo.<br>• Musa ukunkcenkceshela phakathi kwiiyure ezingma-48 emva kwemvula, ekubeni oku kungabangela umgxhobhozo kuloo mhlaba ukuba umanzi.<br>• Musa ukusebenzisa upayipi, ukusebenzisa iindlela zokuspreya (okanye ukufafaza) xa unkcenkceshela ukuthintela ukusasaza iintsholongwane ezisasazeka emoyeni nangokuphefumla. Akukhuthazwa ukusebenzisa i-sprinklers, kodwa ukuba uyazisebenzisa qiniseka ukuba zitshiza kancinci zikhuphe amanzi amakhulu. Kunoko sebenzisa indlela yokunkcenkceshela echiphizayo/ebetha phezulu, kubekho ulwelo lwamagqabi abolayo ngaphezulu.<br>• Kuphephe/kulinganisele ukusebenzisa amanzi amdaka kwiindawo ezithile zegadi apho kuhamba khona abantu nezilwanyana.<br>• Nkcenkceshela igadi ebusuku ukuphepha ukuba abantu bachaphazeleke kangangeeyure ezisi-8 emva kokunkcenkceshela nokunciphisa umphunga.<br>• Izibulali-ntsholongwane ezivanayo nendalo esingqongileyo, iisepha neeshampu zimele zisetyenziswe kumatshini wokuhlamba impahla ukuba loo manzi aza kuphinda asetyenziswe. Kwezi iba ncinane i-phosphorus, isodiyam, i-boron ne-chloride kwaye zinciphisa ifuthe elibi kumhlaba, izityalo kwaye ekugqibeleni inkqubo yamanzi. I-phosphate iyingozi ngokukhethekileyo kwindawo esingqongileyo.<br>• Amanzi okupula avela kumatshini wokuhlamba impahla (ukuba awasetyenziswanga ukuhlamba kwakhona, ukuhlamba imoto okanye ukugungxula endlwini yangasese) anomngcipheko omncinane kwizityalo. Ukuba uyakwazi ukuwakha ngokwahlukileyo kumanzi jikelele, qala uwasebenzise egadini.<br>• Nkcenkceshela kuphela izityalo ezizinzileyo ngamanzi amdaka uze uzibeke esweni ukhangele iimpawu zokoyisakala (Umz. umbala wokuntshwenya okanye amachaphaza). Kungcono usebenzise amanye amanzi (umz. Ukukhongozela amanzi emvula) kwizityalo ezitsha.<br>• Cinga ngokutyala izityalo ezimelana netyiwa, ukuba izityalo zibonisa ukoyisakala ngenxa yokunkcenkceshelwa ngamanzi amdaka. |

Sebenzisa esi sikhokelo ukunceda usebenzise amanzi amdaka ngokukhuselekileyo uze ujonge ezinye izikhokelo eziluncedo nenkcazelo ephathelele nezithintelo zosetyenziso lwamanzi, uMthetho kaMasipala waManzi nokulondoloza amanzi ku-**www.capetown.gov.za/thinkwater**

**Ungalibizisi: xela oopayipi abagqabhukileyo, iimitha ezonakeleyo nakuphina ukophulwa komthetho kwizithintelo zosetyenziso lwamanzi:**

- WhatsApp ku **060 018 1505**
- Tsalela kwa-**0860 103 089** (khetha u-2: iingxaki eziphathelene namanzi)
- Thumela iSMS ku-**31373** (ukuya kutsho kumagama ali-160)
- Thumela i-Email ku-**water@capetown.gov.za**
- Kwi-intanethi usebenzisa isixhobo sethu sokucela iiNkonzo ku-**www.capetown.gov.za/servicerequests**

Ezinye iindawo ongafumana kuzo inkcazelo ngemeko yamanzi kwinkqubo yethu zifumaneka ku-**www.capetown.gov.za/thinkwater**

Iveliswe liSebe laManzi noGutyulo leSixeko saseKapa.

**EyeSilimela 2022**

Nceda uqaphele ukuba olu xwebhu lusengahlaziywa ngamaxesha athile. Tyelela u-**www.capetown.gov.za/thinkwater** ukuze uhlole ezona nguqulelo zakutsha nje ongazidawunlowudela zona simahla.

www.capetown.gov.za/thinkwater

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.